



Province of the
EASTERN CAPE
EDUCATION

**NATIONAL
SENIOR CERTIFICATE**

IBANGA 12

SEPTEMBER 2016

**ISIXHOSA ULWIMI LOKUQALA
OLONGEZELELWEYO – P1
IMEMORANDAM**

AMANQAKU: 80

Le memorandam inamaphepha asi-8.

ICANDELO A: UVAVANYO LOKUQONDA**Imigaqo yokuMakisha uVavanyo lokuqonda**

1. Ngenxa yokuba kugxininiswa kwingqiqo, upelo olungachanekanga neziphene zolwimi kwiimpendulo mazingohlwayelwa ngaphandle kokuba ezo ziphene zitshintsha intsingiselo/ ingqiqo. (Kuseyimfuneko ukuba iziphene zibonakaliswe.)
2. Ukuba umviwa usebenzisa amagama athatyathwe kolunye ulwimi olungelulo olu luviwayo, musa ukuwananza loo magama, kwaye ukuba impendulo isavakala ilungile, sukunika sohlwayo. Ukanti ke, ukuba igama elisuka kolunye ulwimi lisetyenzisiwe kwitekisi kwaye liyayincedisa impendulo, oku kuya kwamkeleka.
3. Ngokubhekiselele **kwimibuzo emalunga nokuthatha icala uze uzixhase**, akukho manqaku anikwayo kwiimpendulo ezingu-EWE/HAYI ,noNDIYAVUMELANA/ ANDIVUMELANI. Isizathu/ ukunika ubungqina/ nokuxhasa zizo ezimele ukunikwa ingqwalasela.
4. Akukho manqaku anikwayo kwiimpendulo ezingu YINYANISO/BUBUXOKI, noYINYANI/LULUVO. Ukunika isizathu/ ukunika ubungqina/ ukuxhasa kukona makuthathelwe ingqalelo.
5. Xa impendulo efunwayo iligama elinye, aze umviwa anike impendulo esi sivakalisi esipheleleyo, oku makumakishwe njengokuchanekileyo **kuphela xa** igama elichanekileyo likrwelelwe umgca ngaphantsi/lingqanyaniswe.
6. Ukuba kufunwa iimpendulo ezimbini ukuya kwisithathu/amanqaku amabini – mathathu, aze umviwa anike ezingaphaya kweziqingqiweyo kumyalelo,makisha **kuphela** isibini okanye isithathu **sokuqala** ngokuhambelana nombuzo.
7. Kwamkele ukwahluka kwendlela yokubeka impendulo okudalwa kukusetyenziswa kweelwimi zengingqi.
8. Ngokubhekiselele kwimibuzo ekhethisayo impendulo echanekileyo, yamkela ZOMBINI, unobumba ohambelana nempendulo echanekileyo KUNYE / OKANYE impendulo ebhalwe ngokupheleleyo.

ICANDELO A: UVAVANYO LOKUQONDA**UMBUZO 1****ISICATSHULWA A**

- 1.1 1.1.1 Ulutsha lwaphesheya lunyanzelwa ngoqeqesho kumkhosi wokhuselo lwakufika kwiminyaka eli-18. ✓ (1)
- 1.1.2 C / Ikhalipha. ✓ (1)
- 1.1.3 Lunikwa ilungelo lokuzikhethela nelokuzithathela izigqibo. ✓ (1)
- 1.1.4 Phesheya. ✓ (1)
- 1.1.5 Isakhono sokulwa nokudubula / ukudubula ngeenkanunu nangemipu/ ukubhabha emoyeni.
[Nasiphi na isibini kwezi] ✓ (2)
- 1.1.6 Umfanekiso ngqondweni wokuba iintombi zakwaSirayeli zomelele zingajamelana nayo nayiphi na imeko ✓✓ / Ukuxabiseka kwamantombazana. ✓✓
[Nayiphi na kwezi] ✓ (2)
- 1.1.7 Ubundlobongela bubangwa ngoomahlalela abasela utywala. ✓✓ (2)
- 1.1.8 Ayihambisani, umgaqo siseko waseMzantsi Afrika uchasene nobundlobongela, kubakho namaphulo, imbizo zokulwa oku. ✓✓✓ (3)
- 1.1.9 Umqeqeshi – uqeqesha umkhosi wakhe ✓✓ / Umqeshwa uziqeshise ngeshumi leeponti. ✓✓
[Nayiphi na kwezi] ✓ (2)
- 1.1.10 Isifaniso, ✓ ukuwa ngokukhawuleza usihla ✓ (2)
- 1.1.11 Isenzo sokuwa ngamandla ngokukhawuleza. ✓✓ / ukuwa ngathi uyaphoswa ✓✓/ ukusuka kumgangatho othile usiya kothile ngokungxamisekileyo. ✓✓
[Nayiphi na kwezi] ✓ (2)
- 1.1.12 Uthe ugqirha ngoku akukho nto anokuyenza ngaphandle kokuba kulindwe ngethemba lokuba uNomntu uyakukulwa ukufa. ✓ (1)
- 1.1.13 Oogqirha nabo bakhokelisa ithemba ngaphezu kwamayeza/ ukoyisakala msinya koogqirha. ✓✓
[Nayiphi na impendulo echanekileyo iyakwamkeleka] (1)
- 1.1.14 Impendulo ixhomekeke kumfundi kodwa mayibe nentsingiselo yokuvuya neyethemba. ✓ (1)
- 1.1.15 Inkolo yobuKrestu kunye nenkxaso zibangela umntu abe ligorha ✓✓./ ithemba nokuthandwa zinika amandla ubonwe njengekhalipha ✓✓
[Nayiphi na impendulo echanekileyo iyakwamkeleka] (2)

ISICATSHULWA B: OKUBONWAYO

- 1.2 1.2.1 Esibhedlele✓✓ / ekliniki.✓
[Nayiphi na kwezi]✓ (1)
- 1.2.2 Yile ithi 10177 kuba yona inceda wonke umntu nokuba uphina apha eMzantsi Afrika.✓✓ (2)
- 1.2.3 Hayi. Ngunesi lo usecaleni kwakhe uphethe amayeza.✓ (1)
- 1.2.4 Umyalezo wokuba isigulana sigula kakhulu kuba usifaka idriphu✓✓/
isigulana siphelwa ngamandla.✓✓
[Nayiphi na kwezi]✓ (2)

AMANQAKU ECANDELO A: 30

ICANDELO B: ISISHWANKATHELO**UMBUZO 2****Ukumakisha isishwankathelo:**

Isishwankathelo masimakishwe ngolu hlobo:

Ulwabiwo-manqaku:

- Amanqaku asi-7 ngeengongoma ezi-7 (inqaku elinye ngengongoma nganye)
- Amanqaku ama-3 olwimi.
- Amanqaku ewonke: 10.

Ulwabiwo lwamanqaku olwimi xa umfundi engacapulanga ngqo.

- 1–3 amanqaku achanekileyo: Nika inqaku eli-1.
- 4–5 amanqaku achanekileyo: Nika amanqaku ama-2.
- 6–7 amanqaku achanekileyo: Nika amanqaku ama-3.

Ulwabiwo lwamanqaku olwimi xa umfundi ecaphule ngqo.

- 6–7 amanqaku acatshulwe ngqo: Makanganikwa NALINYE inqaku kwawolwimi.
- 1–5 amanqaku acatshulwe ngqo: Mekanikwe inqaku lolwimi LIBE LINYE.

Ubalo-magama:

- Abakorekishi kulindeleke ukuba baliqinisekise inani lamagama asetyenzisiweyo.
- Musa ukuthabatha amanqaku ukuba umlingwa akalibhalanga inani lamagama asetyenzisiweyo okanye ukuba inani lamagama libonakaliswe ngokungachanekanga.
- Xa udlule kwinani eliqingqiweyo, funda ugqibezele isivakalisi eso inani lamagama eliqingqiweyo liphele kuso ungayihoyi intsalela yesishwankathelo sakhe.

	IINGONGOMA EZICATSHULWE NJENGOKO ZINJALO.		IINGONGOMA EZINOKUBHALWA NGUMFUNDI.
1.	Mamela imiyalelo kutitshala wakho. Ngcotsha usebenzise iinzwane, yihla ke ngoku usebenzise izithende phinda uqale ekuqaleni.	1.	Ngcotsha usebenzise inzwane yihla usebenzise izithende.
2.	Nyusa igxalaba lakho liye ngasezindlebeni zakho wayeke ke ehle, uphinde uqale ekuqaleni wenze kwangale ndlela ubusenza ngayo.	2.	Nyusa igxalaba liye ngasezindlebeni uphinde uqalele wenze kwangala ndlela ubuqale ngayo.
3.	Thoba intloko ngobunono uyise esifubeni sakho, ube sele uyijikelezisa kancinci iye kwelinye icala.	3.	Hlisa intloko ngobuchule uyise esifubeni ube sele uyijikelezisa kancinci.
4.	Yima okomzuzwana omncinci ube sele uhlisa isandla sakho ube busitshebelezise apha emlenzeni wakho emva koko xhuma-xhuma ngobunono ukuya phambili, zolule wenze elinye icala.	4.	Yima kancinci, hlisa uhambise isandla apha emlenzeni wakugiba utsiba-tsibe uzolule wenze elinye icala.
5.	Tsalela umphefumlo ngaphakathi ungcotshe ngeenzwane wolule iingalo zibheke phambili wakugqiba wukhuphe umphefumlo ime nkqo.	5.	Bizela umphefumlo ngaphakathi ungcotshile ngeenzwane, wolule iingalo, wukhuphe ube ume nkqo.
6.	Jingisela ezantsi wonke umzimba wangasentla, nyusa idolu litsalele ngasesinqeni xhathisa wenze elinye icala.	6.	Jingisa umzimba wangasentla phakamisa idolu linyukele esinqeni ube uxhathisile.
7.	Jikelezisa izihlahla ujikelezise amaqatha omabini amacala, shukumisa iingalo nemilenze wenze ngathi uyazilahla, utsalele umphefumlo ngaphakathi ungangxami uze uhlale phantsi. (115)	7.	Jikelezisa izihlahla namaqatha macala omabini, ushukumise iingalo nemilenze ube ubizela umphefumlo ngaphakathi. (70)

AMANQAKU ECANDELO B: 10

ICANDELO C: IZAKHI NEMIGAQO YOKUSETYENZISWA KOLWIMI**Ukumakisha iCandelo C****1. UPELO**

- limpendulo ezingoogama-nye/eziligama elinye mazimakishwe njengezichanekileyo nokuba upelo aluchanekanga, ngaphandle kokuba isiphene silahla intsingiselo efunwayo yegama.
 - Kwiimpindulo ezi zivakalisi ezipheleleyo, upelo olungachanekanga luya kohlwayelwa xa isiphene sikweso sakhi solwimi sivavanywayo.
 - Xa uvavanyo lujoliswe kwisifinyezo, impendulo iya kwamkeleka xa ifakwe iziphumlisi ngokuchanekileyo.
2. Izakhi zezivakalisi kufuneka zichaneke kwaye zisetyenziswe kwizivakalisi ezipheleleyo/njengoko umbuzo uyalela.
 3. Ngokubhekiselele kwimibuzo ekhethisa impendulo echanekileyo, yamkela ZOMBINI, unobumba ohambelana nempendulo echanekileyo KUNYE/OKANYE impendulo ebhalwe ngokupheleleyo.

UMBUZO 3: ISIBHENGEZO-NTENGISO

- 3.1 Openview HD/ OVHD. ✓ (1)
- 3.2 YiBona magazini. ✓ (1)
- 3.3 Kuye wonke umntu onomdla nonemali yokuyithenga , abazali abaphangelayo kunye nabathandi beSatellite Tv. ✓ (1)
- 3.4 Yinyani. Sineenkqubo ezili-18 ezifele-fele. ✓✓ (2)
- 3.5 Ok / Macro / Game / Pick n Pay.
Nasiphi na isibini kwezi] ✓✓ (2)
- 3.6 Utsala abathengi ukuba bayithenge, kuba ibhengezwa ngooSaziwayo abathandwayo. Uninzi luza kuchukumiseka luyithenga, loo nto idale izinga lezoqoqosho likhule. ✓✓ (2)
- 3.7 D✓✓/Ulwimi oluqhathayo. ✓
Nayiphi na kwezi] ✓✓ (1)

[10]

UMBUZO 4: IKHATHUNI

- 4.1 Kwi-Intanethi. √ (1)
- 4.2 Ichaza isiwo / woyisakele loo nto uva kakubi. √√ (2)
- 4.3 75% ukudlala ngexesha lokufunda, iziyobisi, umqobo wokusokola izixhobo zokuxhasa imfundo. √√ (2)
- 4.4 Uyababonisa ukuba yena uzikhethela ukuqhubeka ngelixa bona bayeke phakathi. √√ (2)
- 4.5 Umntwana. √ (1)
- 4.6 Ngokwale khathuni yinyani kuba yintombazana yodwa efikelele kwinqanaba lemfundo ephakamileyo eboniswe kwibhokisi - C. √√

OKANYE

Luluvo kuba asikeva phando lwenziweyo lusika iziphumo ezingqina oku kuxelwe ngentla. √√ (2)

[10]

UMBUZO 5

- 5.1 5.1.1 Inkulumbuso. √ (1)
- 5.1.2 Kudala √- isiphawuli. √ (2)
- 5.1.3 Isixando sokwenzela/ isenzela. √√ (2)
- 5.1.4 Izolo – isihlomelo sexesha √√ / baseMpuma-Koloni – sendawo. √√
Nayiphi na kwezi] √√ (2)
- 5.1.5 C.√ / Isikhuzo.√
Nayiphi na kwezi] √√ (1)
- 5.1.6 Nambasakazi – isandiso √ / imbasana – ubuncinci ngesiqu √
Nayiphi na kwezi] √√ (2)
- 5.1.7 Isiqalo esisiso siyabukeka. √√ (2)
- 5.1.8 Uthe yena uphumile kwelo qumrhu. √√ (2)
- 5.2 5.2.1 Inenekazi √ / intombi √ / usisi √ / umfazi √ / umama. √
Nayiphi na kwezi] √√ (1)
- 5.2.2 Iphetshana, √ lineewotshi.√ (2)
- 5.2.3 Emva kwesimelabizo sokukhomba√ / emva kwesikhombisi.√
Nayiphi na kwezi] √√ (1)
- 5.2.4 Ixesha lixhatshwe yinja.√√ (2)
- [20]**

AMANQAKU ECANDELO C: 40
AMANQAKU EWONKE: 80